Uyatyholwa!

UYOSEFU—INXALENYE 2

Imiyalelo: Funda ezi ndinyana zeBhayibhile kwindawo ongazukuphazanyiswa kuyo. Njengoko ufunda, yiba ngathi ulapho nawe. Yiba ngathi uyayibona into eyenzekayo. Beve ngathi bayathetha abantu abalapho. Vakalelwa ngendlela abavakalelwa ngayo abantu abalapho.

Abalinganiswa abaphambili: NguYosefu, uPotifare nomkakhe

Into eyenzeka kweli bali: UYosefu uvalelwa entolongweni ngokungekho mthethweni, kodwa uYehova uyamxhasa.

❶ ***HLALUTYA ESI SIGANEKO.—FUNDA IGENESIS 39:7, 10-23.***

Ucinga ukuba lalinjani ilizwi lomfazi kaPotifare njengoko wayetyhola uYosefu?

_____

_____

Ucinga ukuba yayinjani intolongo awayevalelwe kuyo? _____

_____

Yintoni ekwafuneka ayinyamezele uYosefu ngoxa wayesentolongweni? (Inkcazelo enokukunceda: Funda INdumiso 105:17, 18.) _____

_____

❷ ***PHANDA.***

Ukuba ukholo lukaYosefu lwalubuthathaka, ziziphi izigqibo eziphosakeleyo awayeza kuzenza ngoxa wayesentolongweni? (Inkcazelo enokukunceda: Funda uYobhi 30:20, 21.)

_____

Sazi njani ukuba uYosefu akazange agxeke uYehova ngokubandezeleka kwakhe? (Inkcazelo enokukunceda: Funda iGenesis 40:8; 41:15, 16.)

_____

_____

Ucinga ukuba ziziphi iimpawu ezamncedayo uYosefu wakwazi ukunyamezela ukuvalelwa entolongweni ngokungekho mthethweni? (Inkcazelo enokukunceda: Funda uze ucinge ngale mibhalo: Mika 7:7; Luka 14:11; Yakobi 1:4.)

_____

_____

Luluphi uqeqesho olwafunyanwa nguYosefu entolongweni yaye olu qeqesho lwalunokumnceda njani ebomini bakhe? (Inkcazelo enokukunceda: Funda iGenesis 39:21-23; 41:38-43.)

3 ***ZISEBENZISE IZINTO OZIFUNDILEYO. BHALA IZINTO OZIFUNDILEYO . . .***

Iingenelo ezifunyanwa ngabo banyamezelayo.

Uqeqesho onokulufumana ngoxa unyamezele.

Inkxaso evela kuYehova ngamaxesha ovavanyo.

EZINYE IINDLELA ONOKUZISEBENZISA NGAZO EZI NGXELO.

Ngaba wakha waziva usenkathazweni kwaye ulilolo? Umel' ukuba wakunceda njani uYehova nangona wawutyhubela kwezo mvavanyo? (Inkcazelo enokukunceda: Funda uze ucinge ngeyoku-1 Korinte 10:13.)

4 ***YINTONI OYITHANDILEYO KWELI BALI YAYE KUTHENI UYITHANDA NJE?***

www.jw.org © 2011 Watch Tower Bible and Tract Society of Pennsylvania